## IMIYALELO NENGCACISO

1. Funda le miyalelo ngocoselelo phambi kokuba uphendule imibuzo.

2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha loviwo. Funda itheyibhile yesiqulatho ekwiphepha elilandelayo uze uchonge imibuzo ebuzwe ngoncwadi olufundisiweyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo wandule ukhethe oza kuyiphendula.

3. Eli phepha loviwo linamaCANDELO amaTHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | ISihobe | (30) |
| ICANDELO B: | INoveli | (25) |
| ICANDELO C: | IDrama | (25) |

4. Phendula imibuzo EMIHLANU iyonke:

   Imibuzo EMITHATHU kwiCANDELO A, OMNYE kwiCANDELO B NOMNYE kwiCANDELO C ngale ndlela ilandelayo:

   ICANDELO A: ISIHOBE

   IMIBONGO EFUNDISIWEYO – Phendula imibuzo EMIBINI.
   UMBONGO ONGAFUNDISWANGA – Ngumbuzo onyanzelekileyo.

   ICANDELO B: INOVELI

   Phendula umbuzo OMNYE.

   ICANDELO C: IDRAMA

   Phendula umbuzo OMNYE.

5. UKHETHO LWEMIBUZO KUMACANDELO B (INOVELI) NECANDELO C (IDRAMA)

   Phendula KUPHELA imibuzo ekwinoveli nakwidrama oyifundisiweyo.
   Phendula UMBUZO OMDE ube mNYE NOMFUTSHANE ube mNYE.
   Xa uphendule UMBUZO OMDE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C. Xa uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMDE kwiCANDELO C. Sebenzisa itshekhlisti ukwenza oku.

6. UBUDE BEEMPENDULO
   Imibuzo emide yeSihobe kulindeleke ukuba iphendulwe ngamagama ali-190–240.
   Imibuzo emide yeNoveli neDrama kulindeleke ukuba iphendulwe ngamagama angama-340–390.
   Ubude beempendulo zemibuzo emifutshane buxhomekeke kulwabiwo lwamanqaku. Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule ngokusemxholweni.

7. Imiyalelo ebhalwe ekuqaleni kwecandelo ngalinye kulindeleke ukuba ilandelwe ngocoselelo.

8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ulandela kwimibuzo ekwiphepha loviwo.

9. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

10. Yaba ixesha ngolu hlobo lulandelayo:

    ICANDELO A: Malunga nama-40 emizuzu
    ICANDELO B: Malunga nama-55 emizuzu
    ICANDELO C: Malunga nama-55 emizuzu

11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

## ITHEYIBHILE YESIQULATHO SEPHEPHA LOVIWO:

Le theyibhile yesiqulatho kulindeleke ukuba incedise abafundi bakwazi ukukhetha imibuzo abaza kuyiphendula khon'ukuze bangafundi iphepha loviwo lonke.

**ICANDELO A: ISIHOBE**

**Imibongo efundisiweyo: Phendula NAYIPHI NA imibuzo EMIBINI.**

| INANI LOMBUZO | UMBUZO | AMANQAKU | INOMBOLO YEPHEPHA |
|---|---|---|---|
| 1. IDompasi | Umbuzo omde | 10 | 6–7 |
| | **OKANYE** | | |
| 2. Aphi na amadoda | Umbuzo omfutshane | 10 | 7–8 |
| | **OKANYE** | | |
| 3. Uprofesa AC Jordan | Umbuzo omfutshane | 10 | 8 |
| | **OKANYE** | | |
| 4. Imbongi yeSizwe uSEK Mqhayi | Umbuzo omfutshane | 10 | 9–10 |
| | **KUNYE** | | |
| **Umbongo ongafundiswanga: Unyanzelekile** | | | |
| 5. Afrika siza kuyilwela | Umbuzo omfutshane | 10 | 10–11 |
| **ICANDELO B: INOVELI** | | | |
| **Phendula umbuzo OMNYE.*** | | | |
| 6. *Nyana Wam! Nyana Wam!* | Umbuzo omde | 25 | 12 |
| | **OKANYE** | | |
| 7. *Nyana Wam! Nyana Wam!* | Umbuzo omfutshane | 25 | 12–14 |
| | **OKANYE** | | |
| 8. *Ukhozi Olumaphiko* | Umbuzo omde | 25 | 14 |
| | **OKANYE** | | |
| 9. *Ukhozi Olumaphiko* | Umbuzo omfutshane | 25 | 14–15 |
| **ICANDELO C: IDRAMA** | | | |
| **Phendula umbuzo OMNYE.*** | | | |
| 10. *Amaza* | Umbuzo omde | 25 | 16 |
| | **OKANYE** | | |
| 11. *Amaza* | Umbuzo omfutshane | 25 | 16–18 |
| | **OKANYE** | | |
| 12. *A-a-a! Jongumsobomvu!* | Umbuzo omde | 25 | 18 |
| | **OKANYE** | | |
| 13. *A-a-a! Jongumsobomvu!* | Umbuzo omfutshane | 25 | 18–20 |

**QAPHELA:** KUMACANDELO B no-C, phendula umbuzo OMNYE OMDE nombuzo OMNYE OMFUTSHANE.
Nceda ungaphenduli imibuzo EMIBINI emide okanye imibuzo EMIBINI emifutshane.

Kulindeleke ukuba abaviwa baqwalasele itshekhlisti elandelayo ukuqinisekisa ukuba bakhethe imibuzo ngokuchanekileyo.

| **ICANDELO** | **AMANANI EMIBUZO** | **INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO** | **TIKISHA NGASEZANTSI** |
|---|---|---|---|
| A: Isihobe (Isihobe esifundisiweyo) | 1–4 | 2 | |
| | **KUNYE** | | |
| A: Isihobe (Isihobe esingafundiswanga) | 5 | 1 | |
| | | | |
| B: Inoveli (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE umbuzo omfutshane) | 6–10 | 1 | |
| | | | |
| C: Idrama (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE umbuzo omfutshane) | 11–13 | 1 | |

**QAPHELA:** KUMACANDELO B no-C, qinisekisa ukuba uphendule umbuzo OMNYE OMDE nombuzo OMNYE OMFUTSHANE.
Nceda ungaphenduli imibuzo EMIBINI emide okanye imibuzo EMIBINI emifutshane.

## ICANDELO A: ISIHOBE

***VUKANI MADODA KUSILE – A Stemela: Umhleli***

## IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe imibongo nezibongo EZINE ezifundisiweyo nombongo OMNYE ongafundiswanga.

- Umviwa ulindeleke ukuba aphendule nayiphi na imibuzo EMIBINI ebuzwe kwimibongo okanye kwizibongo ezifundisiweyo; KUNYE nombuzo omnye kumbongo okanye isibongo esingafundiswanga.

Qahela: Umbuzo ongombongo ongafundiswanga KUNYANZELEKILE ukuba uwuphendule. Qinisekisa ukuba ukhetha imibuzo EMITHATHU kweli candelo.

Ubude beempendulo zemibuzo emide buli –190–240 amagama.

## IMIBONGO EFUNDISIWEYO

## UMBUZO 1 (UMBUZO OMDE)

Funda esi sicatshulwa sombongo singezantsi wandule ukucazulula intsingiselo yesigama esikrwelelweyo.

**IDOMPASI – N Gcali**

Yincwadana encinane ephethe igama,
Yincwadana edelekileyo ephethe idilesi,
Ixela ubuhlanga ibonise nelizwe,
Iveza umsebenzi ixela nomqeshi,
Isitampu sibonisa imfanelo,
Isitampu esigwenxa yijele,

Udompasi ongekhoyo yijele.
Impilo yabaninzi uyigqibile,
Ubomi babaninzi ubuthathile,
Imizimba yabaninzi uyingxwelerhile,
Imizi yabaninzi uyichithile, wena dompasi.
Ubethiwe umntu ubanjiwe umntu,
Waswela umntu walamba umntu,
Wabhaca umntu watshipha umntu,
Nguwe wena dompasi.

'Kom hierso Jan,
Waar is jou pas?'
'Alikho mhlekazi.' Qhwa ngempama!
Xhimfi ngenqindi, ngqu ngesihlangu,
Gaan in, gaan in man.'

............................................................

21 Uphumile umthetho wabhengezwa,
22 Umemezela ukufa kwakho dompasi,
23 Namhlanje yimincili namhlanje luvuyo,
24 Namhlanje lulonwabo namhlanje luchwayito,

25 Kuba udompasi ufile wavuka u-I.D.
26 Watsho wanesidima umntw'endinguye.

**[10]**

## UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicatshulwa sombongo singezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**APHI NA MADODA! – M Mbutuma**

1 Ivelil'inyok 'enkulu
2 Egqib'umzi wonk'uphela,
3 Nants 'ithe ga ngogaga
4 Kwizigingqi zomzi kaNdaba;
5 Hay 'ukuswel 'amandla
6 Ngendikhe ndiyijijise.

7 Hay' ukuswel' izixhobo
8 Ngendikhe ndiyibonise.
9 Xa kunje se ikokwethu:
10 Thambodala, sondelani!
11 Woz'utshabalal 'umzi
12 Kulityelwe **lutyhwatyho**.
……………………………………
13 Lumkan' intamb' inganirhityeli,
14 Hlez' ingabi nakukhululwa!
15 Mna ndibon' ishwangusha
16 Liza lixhakwe bubunewu-newu.
17 Azi ziyini n'iintsana zenu?
18 Ngenene ndoyik 'endiyibonayo!

2.1 Nika isafobe esisetyenziswe ngumbhali kumqolo woku-1. (1)

2.2 Xela okuphuhliswa sisafobe osinike kumbuzo 2.1. (1)

2.3 Msebenzi mni owenziwe lushiyo lwesikhamiso kumqolo wesi-5? (1)

2.4 Chonga igama elinxulunyaniswa nomoya omdaka kwisitanza sesithathu. (1)

2.5 Mfanekiso-ngqondweni mni ozotywa yimbongi ngegama 'lutyhwatyho'? (2)

2.6 Unjani umoya wembongi kwesi sicatshulwa sombongo? Xhasa impendulo yakho. (2)

2.7 Phawula ngomongo walo mbongo. (2)
**[10]**

## UMBUZO 3 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicatshulwa sombongo singezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**UPROFESA AC JORDAN – ZS Qangule**

Taruni nonke zingcali zesiXhosa,
Leqani equleni imimoya iyabhudla,
Balekani hleze kuvele imbalela
Lakufa ichanti kudakasa izabonkolo,
Yakufa inkuku amaqanda ayabola.
Kolunga sonke sibaleke sibonisane,
Mkhulu umthwalo osaza kuphakanyiswa.

Ithe iMerika namhlanje ivelelwe,
Yathi iAfrika ngoku ingoziwe,
Bazila kuTsolo ngosana lwabo,
Zoyika iingcaphephe zathi libekiwe,
Banxuba ooprofesa bathi liyajijwa.
Bekuyizolo oku sibulisa uJili,
UMathews yena usala ukusithela.

Uvakele ubham wokuwa komthi,
Kwahlokoma amawa ezizwe ezikude,
Kwanga kudlula umoya wezixhobo,
Kwanga kukhasa umoya wentlambo
Bathi kufanele iminyanya iwelile,
Zazola iilwandle zanika imbeko,
Yana imvula ayenza nangxolo.

...........................................................

3.1 Chonga isafobe esifumaneka kwisitanza sokuqala. (1)

3.2 Chaza okuphuhliswa sisafobe osinike kumbuzo 3.1. (2)

3.3 Xela okuvezwa sisigama esisekuqaleni kumqolo wesi-2 nowesi-3. (1)

3.4 Mfanekiso ngqondweni mni ozotywa yimbongi ngesifanekisozwi u-bham kumqolo we-15? (2)

3.5 Unjani umoya wembongi kwesi sicatshulwa sombongo? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.6 Phawula ngomongo walo mbongo. (2)
**[10]**

## UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicatshulwa sombongo singezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**IMBONGI YESIZWE, SEK MQHAYI – JJR Jolobe**

Anivanga na ukuba ihambile iMbongi yeSizwe?
Anazi na imke ngenqwel' egoqoz' emafini?
Kunamhla seyimana isalatha inqwal' iwisa
Ithe wambu umnweba wemisebenzi encamisa
Iphethe intshuntshe nomnqayi wokholo.
Umthiyi-magama akasele emthe jize na
Ngesibuliso sozuko uMesiyasi edumisa?
Ufudukile umphakathi enxuweni elidala.
Umkhonzi weenkosi akakhonzi eBhotwe na namhla?
Imkile intw' enkulu yasemaZimeni,
Usomfekethwana zoBy George kwaMelani.
Uwela uMlambo kant' uza neTyala lamawele,
Unxanel' imfundo wasel' emthonjen' eLovedale,
Untonga yaqingqwa ngumCirha kwaGompo,
**Uqegu linamandla lathwal' iinzima zakwaNdlambe,**
Usiba lunomda kwiZwi laBantu kwaneMvo.
Untetho yatsala oBhene noNgqatyana.
Ugxanyaza wadlul' eDikeni wee xha eMncotsho.
Ngumzila ubonwa kuBazili beNene.
Usikhundla sikoZikhumbuzo zoNtsikana.
Usakhono siselusibeni ngeencwadi.
Ugama lifukanyw' ezintliziyweni zeemfundi.
**Ntab' oZuko kwaNdlambe asinxuwa lakhe na?**
Ngaphantsi kwakho **z**odlul' iinqwelo **z**omlilo.
**Z**ibeleke i**ziz**ukulwana **z**oluhle lweAfrika.
Ziya kwalathisana ngawe kwimihla ezayo
Zisithi kulaph'ekulele umThembu omatshamba
Ingqangangqanga yentetho yesiXhosa
Ubharhumla ngokwengonyama xa abongayo,
Umazwi aluncuthu kwababafundisayo,
Umhlahli-ndlela ngegalelo lokubhaliweyo
Into kaMqhayi iMbongi yeSizwe Jikelele.

4.1 Xela isafobe esisetyenziswe yimbongi kumqolo woku-1. (1)

4.2 Chaza okuphuhliswa sisafobe osinike kumbuzo 4.1 (2)

4.3 Nika intsingiselo equlathwe ngumqolo we-15 obhalwe ngqindilili? (1)

4.4 Mfanekiso ngqondweni mni ozotywa yimbongi ngegama 'Ingqangangqanga' kumqolo wama-28? (2)

4.5 Unjani umoya wembongi kwesi sicatshulwa sombongo? Xhasa impendulo yakho. (2)

4.6 Phawula ngomxholo walo mbongo? (2)
**[10]**

**KUNYE**

## UMBONGO ONGAFUNDISWANGA

## UMBUZO 5 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicatshulwa sombongo singezantsi wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**AFRIKA SIZA KUYILWELA – W Shasha**

Thina bothuthu siza kuyilwela,
Thina bomthonyama siza kuyikhusela,
I-Afrika ilizw' elisesichengeni.

Isisigculelo samachalarh' ookrebe,
Abaphum' emanzini bagcakamel' ilanga;
Izilwanyan' ezasoloko zixhaph' igazi.
Zingqavul' abanengqondo
Zigreny' abathand' isizwe;
Thina bantwana bayo sikhona;
Sikhona nje siza kuyilwela!
..................................................................

Utshaba lutshatshele
Ngobuchule bokurhala,
Kuqhekezw' izalamane
Kutyakatyan' oogazi-linye;
Kungcatshan' abengub' enye
Kusetyenzel' utshaba.
Sikhona loo nto soyilungisa!

Zwe lokuzalwa kwethu loba yintombi,
Xa silitshayela silicoca ngobunono;
Mhla zibuyayo bozitshekel' iintethe
Abahlohl' ezabo belukuhlwa lutshaba.
Awu Afrika siyangxengxeza kuwe,
Ukuthi sikhona udlakazwe zizidlamlilo;
Sixolele wena lizwe loobawo
Sikhona sihleli sakukulwela sikukhusela!

[Umsila wembulu-Shasha W, iphepha lama – 61–62]

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

5.1 Nika isixhobo sohlalutyo esisetyenziswe ngumbhali ekuqaleni kumqolo woku-1 nowesi-2. (1)

5.2 Chaza ngawakho amazwi umqolo wesi-6. (1)

5.3 Ufana njani umqolo we-11 nowe-12 ngokwesakhiwo? (2)

5.4 Shwankathela ngawakho amazwi okuqulethwe kwisitanza sesi-3. (2)

5.5 Unjani umoya wembongi kwisitanza sesi-4? Xhasa impendulo yakho. (2)

5.6 Phawula ngomxholo walo mbongo? (2)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: INOVELI

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe iiNoveli ezimbini.
- Khetha imibuzo kwiNoveli oyifundisiweyo.
- KwiNoveli ngaNYE kubuzwe imibuzo emiBINI, OMDE NOMBUZO OMFUTSHANE, ukususela kumbuzo 6 ukuya kumbuzo 9.
- Khetha umbuzo ube mNYE uwuphendule.

QAPHELA: Xa umviwa ekhethe umbuzo OMDE kwiCandelo B (kwiNoveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo C (kwiDrama).
Xa umviwa ekhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo B (kwiNoveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMDE kwiCandelo C (kwiDrama).

Ubude beempendulo zemibuzo emide bungama-340–390 amagama.

**UMBUZO 6 (UMBUZO OMDE)**

***NYANA WAM! NYANA WAM! – WK Tamsanqa***

Bonisa ngeziganeko ezisencwadini indlela ehanjwe nguThole ukusukela eKnysna ade abe uphetha sele enguchwenene womfundisi eZazulwana. **[25]**

***NYANA WAM! NYANA WAM! – WK Tamsanqa***

**UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

Funda esi sicatshulwa sencwadi singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA**

'Ubuchule bunye bawo uMkwayi, kukukhe uye ngokwakho phaya ecaweni uzibonele, uzivele. Ngembonakalo nangokubetha kolwimi, umfo lowa yena ngumXhosa akangxengwanga, akukho nento kuye esingisele ebulungwini; ngebala, ngumdaka ongcitha njengawe lo. Mve ke ethetha isiXhosa, uthetha esiya sakwaGcaleka.'

'Tyhini ndacing'into,' watsho omnye umfana engenelela kule ntetho. 'Le nto ndiyicingayo bawo uNgconde ndiyikhunjuzwa ngala mazwi alo mfana athi la mfundisi ngumdak'omnyama ongcitha njengawe lo, kwanombuzo wakho othi zithini na ezintsha esiza nazo. Iindaba esibuya nazo namhlanje ke xhego lakuthi zezokufana kwakho nala mfundisi. Ndithi ufana nawe baw' uNgconde ngumceph' ucandiwe. Ade aqwele ngesi siva silapha kuwe ebusweni. Naye unaso. Kangangokuba sivakele sisitsho ngoku sizayo, sisithi singancama ukuba azizanga zidibane nokuba kusemadizeni.

Asikokufana kwabantu oku.'
Wathi ukuba atsho umfana, lahleka lada laqikileka ixhego lisithi, ' Kowu makwedini ninamaqhinga. Kanene zonke ezi zinto nizithethayo nizama indlela yokundilobela kule cawa yenu.

Ngoku nifuna ndibe nomdla wokuya kubona lo mfundisi kuba nisithi ufana nam. Ninamaqhinga bantwana basesikolweni! Hayi bafana bam, musani ukude nindenzele iintsomi zokuba umfo ohle esibhakabhakeni ngebhaloni ufana nam, emaKwayini akukho mntu ungehla eBhalonini. Ecaweni apha ndiya kuya ngenye imini ndiyokumbona lo mfundisi, ningadanga nandenzela zintsomi nje.'

'Asazi ke xhego lakuthi xa usithi senza iintsomi, intetho yesiXhosa ithi indaba yotyelo ayikholi. Kungenzeka ukuba ubuye usingqinela nawe mhla wambona la mfundisi. Ukuba bekuya ngokwam ngeba ndithi masiye ecaweni kule veki izayo, uzibonele ngokwakho.'
'Asazi mfo wam sakubona empilweni,' watsho umntu omkhulu ukuphendula.
'Kodwa ke bawo ulumkele ukugqobhoka mhla waya. Uyashumayela laa mfo wasemzini. Ushumayele ngokuhlwa kwagqobhoka elinye ityathangubo elinjengawe lo.'

'Leyo yogqobhoko into ayingekhe yandihlela ke mna, mfo wam. Lelaphi elo tyathangubo?'
'Leli sithi lelakuCentane. Lisebenza eGermiston kwaMaboya.'
Uthe ukuba athethe ngoCentane zaphela iindaba kumfo wasemaKwayini, waphakama wembatha ingubo yakhe, waphuma wahamba.
Walala ngobo busuku ezimisele ukuba uza kuya ecaweni kwiveki elandelayo ade ambone lo mfundisi ngawakhe amehlo. Ngayo loo veki lamkhathaza iphupha lakhe lemihla ngemihla awathi waliphupha oko kwathi kwathethwa ngalo mfundisi. Eli phupha lalimkhathaza liphupha awakha waliphupha kwiminyaka ekumashumi amathathu eyadlulayo: kodwa wayesithi akuliphupha isiganeko sezo ntsuku sibe ngathi sesezolo, avuke ekhathazeke kakhulu.

Yaphela iveki. Kwangobo busuku boMgqibelo, ixhego lalala lidibene nabafana labaxelela ukuba bancede bangalishiyi ngengomso xa baya ecaweni.

7.1 Kwakwenzeke esiphi isiganeko ukuze abafana bathethe ngohlobo ababethetha ngalo kubaw'uMkwayi kwesi sicatshulwa? (2)

7.2 Xela indlela eyazaliseka ngayo ingxoxo yabafana noBaw'uMkwayi? (2)

7.3 Ithini indima yombhali ekuduliseni ukuba uThole ngunyana kaMkwayi. (2)

7.4 Tyhila isigqebelo esiphuhliswa kukubonana kukaThole nobaw' uMkwayi? (2)

7.5 Uyisebenzise njani umbhali inkolo yobuKrestu ukuqaqambisa umlinganiswa onguThole? (2)

7.6 Didi luni lozobo olusetyenzisiweyo ngumbhali ukuzoba lo mfundisi oyindumasi ngokwesicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (2)

7.7 Zoba isimo sentlalo sale ndawo yayihlala abafana nobaw'uMkwayi. (2)

7.8 Mqondiso mni oqulethwe liphupha likaMkwayi? (2)

7.9 Veza isiganeko esikwisicatshulwa esibonakalisa ukuba uMkwayi wayenomvandedwa. (2)

7.10 Ngqina ngeziganeko ngokuchaneka kwamagama aba balinganiswa balandelayo kule ncwadi: uMangaliso noThozama. (4)

7.11 Leliphi inqanaba lesakhiwo elikulo ibali kwesi sicatshulwa? Cacisa. (3)
**[25]**

**UMBUZO 8 (UMBUZO OMDE)**

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

Bonisa ngeziganeko ezisencwadini indlela ehanjwe nguFriday ukuchasa uMfazwe kwidabi lakhe lenkululeko. **[25]**

**UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

**ISICATSHULWA**

'Hayi kaloku ndiyalazi ibala likamama. Ndiza kuthini ukuthi mama kuwe wakugqiba ukuba lusana kum?' Ndibuyise ngelo. Iya kuba yinjikelezane engabheki ndawo ke leyo, de adinwe andincome ukungabi nasimilo. Eneneni ke wayesiza emva kum, yeka nje ke le nto yamantombazana ukukhawuleza ukukhula kunabafana, kuba nangoku sasuka seva sekusithiwa utshatile uNomaBhele lo singekaqondi nto. Ngale mini, ndifike ixakekile intokazi ikhupha eziya zitya iza kulungiselela unolali into ephungwayo.

'Yini le! Iqiqisholo leqhophololo elinguNdlela? Azokwenzelwa iimbeko ezingamfanelanga kwaMfundisi? Uyimeya kabani njengokuba emise ngaloo nto nje?' ndatsho ndiziva ukuba ndiyacaphuka, ndingakhathali nokuba ndiviwe kunjalo nje. Wandijonga nje umntwana wasemaBheleni walungisa izitya encediswa ngabantwana ababini besikolo. Ngaphakathi wawuvakala umsindo wengxoxo ndinomdla wokuva ukuba kuthiwa ni na. Isithebe sokuqala esithwele iziphungo sithe xa sidluliswayo ndasibamba ndangena naso ngaphakathi, ndaba ndiyalifumana ithuba lokungena. Igumbi lalizele limi ngeembambo, embindini kumi uNdlela ethetha ejingisa isisu ngathi yingxowa esindwa ngamatye. Umfo omkhulu wayebile xhopho emana ukuzisula iqeba ngelatshana owawungalifanisa ukuba lalikhe lamhlophe ngaphambili.

'Ezi zikolo zivalwe nguRhulumente ngenxa yobundlobongela babantwana bethu neetitshala ezibafundisayo ezingakwazi ukubalawula.' Ndingene kanye xa etshoyo. 'Ayikho loo nto uyithethayo Sibonda. Nantsi enye yezi titshala uthetha ngazo ingakhe icacise.' Kwathi bekuqalwe ngokukhuzwa la mazwi okuqala kusithiwa arhuqisa umrhaji, kwathi xum kwakuviwa kuthethwa ngetitshala. Igumbi lahlulelene kubini. Icala langasekhohlo lihleli amahlakani kaNdlela, elinye eli lihleli amadoda noomama abangabemi belokishi endandisazi ukuba abamtyi kakuhle uNdlela neqela lakhe. Amehlo onke ajika ajonga kum nasesithebeni sento ephungwayo, ndathula mna ndahambisa kwabakufuphi, umeya ndiza kuphinda ndimhoye. Wayiyeka awayeyithetha uNdlela wabhekisa kum.

'Titshala, nifumaneka phi njengokuba ningabonakali ndawo nje okoko kuthiwe zivaliwe izikolo?'

'Siya kuphinda sifumaneke bawo kwakuthiwa zivuliwe futhi. Kanti ke iititshala zinemizi yazo apho zingaya kukhangelwa khona xa zifunwa.' Ndaphendula ndingamjonganga nokumjonga oku ngeli xa ndihambisa iti.

'Yimpendulo enjani ke le mfo wam kuba sixoxa ngani apha?'
'Kaloku xa nifuna ukuxoxa nathi ninokusibiza, ukuxoxa ngathi singekho yeyenu ke leyo indawo?' kwathi cwaka endlwini kungekho ungenelelayo. Wangathi akevanga uNdlela.
'Titshala uyandigwexa, kanti ke mna bendisathetha kakuhle. Ayifani nalaa ndlu kayihlo itshisiwe, sisigezo esi unaso.' Ndaziva ndifudumala ingakumbi ndakuva indlu incwina, ndabe ndiqonda ukuba intlonelo kum iya inyibilika ngokunyibilika.

'Ndiyaqala nokuyiva into yokuba itshisiwe. Inokuba ke ngoku uyamazi nomtshisi lowo. Amapolisa ukuba anomdla ngekhe azokubuza apha kuwe, unolwazi oluninzi.' Ndandise ndimthe ntsho emehlweni ngeli xesha uMnumzana Ndlela, ndibawela ukumxelela into ebengayazi.

9.1 Kwakwenzeke esiphi isiganeko ukuze uMfazwe azibone sele siya kwamfundisi uHlathi? (2)

9.2 Thelekisa indima kaNdlela nekaMfazwe malunga nenkululeko yabantu kule noveli? (2)

9.3 Buthini ubuchule umbhali abusebenzisileyo ukwenza uMfazwe azi ncakasana eyona ndima idlalwa nguNdlela ekuhlaleni? (2)

9.4 Tyhila isigqebelo esivezwa ngamagama akrwelelwe umgca ngaphantsi. (2)

9.5 Utyhila ntoni umbhali ngomqondiso awusebenzise rhoqo wenja kwindlela kaMfazwe esilwela inkululeko kule noveli? (2)

9.6 Loluphi udidi lwempixano olufumaneka kwesi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (2)

9.7 Zoba isimo sentlalo sale ndawo yakuQaka? (2)

9.8 Mfundisoni efumaneka kwisimo sikaNdlela kule noveli? (2)

9.9 Didi luni lozobo olusetyenzisiweyo ngumbhali ukuzoba uNdlela kwesi sivakalisi singezantsi? Xhasa impendulo yakho.

'Yini le! Iqiqisholo leqhophololo elinguNdlela? ...' (2)

9.10 Bonisa indlela achaneke ngayo amagama aba balinganiswa balandelayo kule ncwadi: uMfazwe nomfundisi uHlathi. (4)

9.11 Leliphi inqanaba lesakhiwo elikulo ibali kwesi sicatshulwa? Cacisa. (3)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

## ICANDELO C: IDRAMA

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe imibuzo kwiiDrama ezimbini, ukususela kumbuzo we-10 ukuya kumbuzo we-13.
- KwiDrama ngaNYE kubuzwe imibuzo emibini; OMDE kunye NOMBUZO OMFUTSHANE.
- Khetha umbuzo ube MNYE uwuphendule.

QAPHELA: Xa umviwa ekhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B (kwiNoveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMDE kwiCANDELO C (kwiDrama).
Xa umviwa ekhethe umbuzo OMDE kwiCANDELO B (kwiNoveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO C (kwiDrama).

Ubude beempendulo zemibuzo emide bungama-340–390 amagama.

### UMBUZO 10 (UMBUZO OMDE)

***AMAZA* – ZS Qangule**

| Xoxa kuvokotheke ngomxholo wale ncwadi u 'Amaza'. | **[25]** |
|---|---|

### UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)

***AMAZA* – ZS Qangule**

Funda esi sicatshulwa sencwadi 'Amaza' singezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA A

| | |
|---|---|
| NGXELELO: | Niyivile ke bantu bakuthi imitshontshi ethi amagqobhoka aza kwenza inkonzo emangcwabeni. |
| MPHURHU: | Kwawaphi amangcwaba? |
| NGXELELO: | Indawo yamangcwaba inye kaloku. |
| WELISILE: | Into enjalo ayinakuhla,<br>Kulele iinkonde zakowethu entabeni. |
| PHATHUMZI: | Ngoobani iinkokeli zeli nyala? |
| QEBEYI: | Ukhala wabo njengoko nisazi nguZazile,<br>amagosa aphambili nguKhulile noMzabalazi.<br>Welisile ungazishiyi eza ntshebe zinguSilumko,<br>Laa maqhingashe uhlala eBhayi. |

| | |
|---|---|
| MPHURHU: | Lo Khulilendini uyimbalasane yegqobhoka nesifundiswa, wayengumqhitsiba weqaba elabuya eKapa selikwazi ukufunda iBhayibhile nokunxiba iqhina. |
| QEBEYI: | Uthini ngoMzabalazi. |
| PHATHUMZI: | Ndimazi eseyinkwenkwe lowo.<br>Wayelikrwadase lomdlengele,<br>Into ehamba ikradula emimangweni,<br>Ingqutsela ehamba igila ii-emele<br>zamantombazana kule milambo. |

11.1 Xela indawo abaxoxa bekuyo aba balinganiswa bakwesi sicatshulwa. (1)

11.2 Yeyiphi ingcinga evuselelwa yintetho kaWelisile kwingxoxo yamaCirha kwesi sicatshulwa? (2)

11.3 Ithini indima kaSilumko ngokunxulumene nale ndibano kuthethwa ngayo kule ntlanganiso? (2)

11.4 Nika udidi lozobo olusetyenziswe ngumbhali ngoPhathumzi xa ethetha ngoMzabalazi? (1)

11.5 Sityhila ntoni esi sicatshulwa ngesimo sentlalo sale ndawo liqhuba kuyo ibali. (2)

11.6 Veza impoxo kwintetho kaMphurhu engoKhulile. (2)

11.7 Bhala iingongoma EZIMBINI ngeziphumo zentlanganiso yasemangcwabeni. (2)

11.8 Loluphi udidi lwempixano olufumaneka phakathi kwamaqaba nezifundiswa ngokunxulumene nentlanganiso yasemangcwabeni. Xhasa impendulo yakho ngokwesicatshulwa. (3)

11.9 Likweliphi inqanaba ibali ngokwamanqanaba esakhiwo sebali? Xhasa impendulo yakho. (2)

**ISICATSHULWA B**

| | |
|---|---|
| ZAZILE: | Sakufumana isifundo sethu sokugqibela kuMateyu, isahluko se-10 Iivesi 26-28. Funda ke mntwana wam. |
| LIZO: | Musani ukuboyika ngoko kuba akukho nto igutyungelweyo ingayi kutyhilwa, nefihlakeleyo ingayi kwaziwa. Oku ndikuthetha kuni emnyameni kuxeleni emhlotsheni noko nikuvayo endlebeni, kumemezeni phezu kwezindlu. Ningaboyiki abo babulala umzimba kodwa bengenako ukuwubulala wona umphefumlo.Yoyikani kanye lowo unako ukutshabalalisa umphefumlo kwanomzimba esihogweni somlilo. |
| ZAZILE: | INkosi isikelele ukufundwa kwelizwi layo. (Kulandela iculo. Iyathotywa ibhokisi) Siwunikela umzimba wakhe emhlabeni, uthuthu eluthuthwini; uthuli eluthulini; sinethemba eliqinileyo ngukuvukela ebomini ngayo iNkosi yethu uYesu Kristu. Amen. |

11.10 Tyhila isigqebelo esisetyenziswe ngumbhali kwesi sicatshulwa. (2)

11.11 Yintoni injongo yokusetyenziswa kwamagama akwizibiyeli kwintetho kamfundisi uZazile? (2)

11.12 Shwankathela ngezivakalisi ezibini umxholo wale ncwadi. (2)

11.13 ULizo uvezwe wangumlinganiswa omcaba. Luthini olwakho uluvo? (2)
**[25]**

**UMBUZO 12 (UMBUZO OMDE)**

***A-a-a! JONGUMSOBOMVU!* – BB Mkonto**

| Xoxa kuvokotheke ngomxholo wale ncwadi u'*A-a-a! JONGUMSOBOMVU!*' | **[25]** |
|---|---|

**UMBUZO 13 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***A-a-a! JONGUMSOBOMVU!* – BB Mkonto**

Funda esi sicatshulwa sencwadi singezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA A**

| | |
|---|---|
| SOMERSET: | <u>Mus'ukungxama Sajini,izinto zisangcambaza kakuhle.</u> <u>Kaloku khumbula ukuba uyise kaMaqoma nguNgqika lowa, umfo othandwayo yikumkani neRhuluneli yeli lizwe.</u> Singawutya umsebenzi ukuba simthi cha. Le yokungena ngesinyokotho kulaa mmango ibabhidile nabo abasemagunyeni. |
| BISSET: | Ndiyangqinelana nawe Kholoneli. Kaloku seyisecicini nakuwe into yokuwelwa ngumqa esandleni. Ndiyalibona elaa vezandlebe linguSmithi, ligwala letyutyusi lenkokheli engafuni kusebenza kwiindawo ezisemaphandleni kuba lisoyika ukuphepha-phepha le mikhonto yale migqutsuba ikrwada. Ndiqinisekile nangoku ukuba nguye kanye owaxhasa ngobucikokazi into yokukhululwa kwamabanjwa. Khangela ngoku, kufuneka ndishiye le ncoko ndiye kukroba laa majoni oja laa nyama, ndibone ukuba asesesimeni esisiso na sokuphatha ukutya. *(Utsho ebashiya apho egxadazelela ngaseziko apho iikoporali ezimbini zazibile zizinyhididi ziguquguqula eso simbukumbuku segusha)* |
| SOMERSET: | Ndiyavuya ukuva omnye umntu ethetha kanye le nto ndasoloko ndiyicinga, ndisoyika phofu ukugxekwa ngabantu abaza kuthi ndimmonela uSmithi kuba ethandwa yiRhuluneli. Ewe, ndiyavuma ukuba ufundile kunam, kwaye ugqame ngokwazi nokuthetha iilwimi ezininzi. Andazi ke nokuba kuza kuthethwa isiJamani nesiFrentshi na apha kula madabi. |

| | |
|---|---|
| BEAU: | Ndifika ndixakwe xa kulapho kanye Kholoneli yindlela ekunyuselwa ngayo kwizikhundla zalapha emkhosini. Le inkqubo ayihambisani nemigaqo nemithetho yasemkhosini wamaNgesi, apho ijoni belifumana isikhundla ngokuzigqatsa emfazweni. Akubhalwa magama nabuciko bakuthetha edabini, kuqhuma imbumbulu kuphela. Uyabona ke le yonyuselo ngobutshomi iza kwenza ukuba sikhokelwe ngamabhetyebhetye angazi nto ngemfazwe ... |

13.1 Babephi aba balinganiswa bakwesi sicatshulwa? (1)

13.2 Siganeko sini esasisenzeka kule ndawo inezi zithethi? (1)

13.3 Xela into awayengxamele ukuya kuyenza uSajini emva kokwakuqhubeka? (1)

13.4 Siveza ntoni isigama esikrwelelwe umgca ngaphantsi ngesimo sikaSomerset? (1)

13.5 Esi sicatshulwa sityhila ntoni ngesimo sentlalo sale ndawo? Xhasa impendulo yakho. (2)

13.6 Yintoni injongo yokusetyenziswa kwamagama akwizibiyeli kwincwadi yomdlalo? (2)

13.7 Phawula ngengxoxo kaSomersert noBeau malunga nendlela ezifunyanwa ngayo izikhundla emkhosini wabo? (2)

13.8 Ludidi luni lozobo olusetyenziswe ngumbhali ngoBisset xa ethetha ngoSmithi? Xhasa impendulo yakho. (2)

**ISICATSHULWA B**

| | |
|---|---|
| MAQOMA: | Ndingakubeth' emlonyeni Cirha mfondini, nalu olwam uloyiko kuyo yonke le migudu yaba nomthikana. Njengokuba sewubonakala ngoku nje umonakalo owenziwayo ngokwale nkolo yala madoda, zinto zini abazibhalayo kuloo macwecwe abo? Khona, bakho apha kumzi oNtsundu ngoku sithethayo abakwaziyo ukuyifunda loo nto ukuze bayihle amahlongwane la? Abakho! Zicingeleni ke nani ukuba makube bathini ngeminyanya yethu, ngamadini ethu, kwanentlalo yethu jikelele njengokuba nani nisazi ukuba bayazinyevulela zonke ezi zinto sizixabise kangaka. Khawusiweze kanye apho Jwarha. |
| SOGA: | Yandifikela nam loo ngqondo Mhlekazi, kodwa ndabehle ndayithibaza ngokuthi kuya kulunga ukuba sithumele inzala yethu kanye thina maphakathi ukuze isityhilele loo nto iya kubhalwa kuloo macwecwe abo, siyilungise kwangoku sisaphila. Ndinolu luvo luthi mabayekwe benze loo msebenzi bathi bathunywe wona kweli lizwekazi lasemaXhoseni, siya kubuya sive kwangabo ukunuka kodakada. Ndiqinisekile ukuba ngaphaya eMthocwa bafuna ukwakha iziko abaza kuthi kulo bazibiyele, ze babuthele kulo loo magqobhoka abo. |
| | ........................................................................................................ |

| | |
|---|---|
| KAMA: | Kodwa ke kambe Mkhwe andiyithandi kakhulu nale uyenzayo yokuphindisa, ngokuba ihamba ihambe ibe neziqhamo ezimanyumnyezi. Ndiyakwazi ke wena ukuba awuphathwa manyeni ungasabeli.<br>Khumbula kaloku mfondini ukuba lisanuka igazi kwezi ntlambo zasemaXhoseni. Makhe kulawule uxolo, sihlume kakuhle kuba aphelile namakhalipha esizwe. |

13.9 Loluphi udidi lwempixano oluphakathi kukaMaqoma noSomerset? Xhasa impendulo yakho ngeziganeko ezisencwadini. (3)

13.10 Shwankathela ngezivakalisi ezibini umxholo wale ncwadi. (2)

13.11 Ububonakalisa njani ubuthandazwe uMaqoma ngokwesi sicatshulwa? (2)

13.12 Thelekisa isimo sikaMaqoma noKama. (2)

13.13 Luthini olwakho uluvo ngalo mqolo?
'uSomerset ubonakala njengomlinganiswa oyinyoka'? (2)

13.14 Avuselela ntoni ngesiganeko esiqhubeke ngaphambili amazwi kaKama athi, 'Makhe kulawule uxolo, sihlume ...'? (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 25**
**AMANQAKU EWONKE: 80**

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha
EASTERN CAPE